Isalathiso: 20170203-7973
13/8/3
Imibuzo: CA Berry

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0001/2017

Iya: KuSekela Mlawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze*IMG*, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze*SLES*, kuBaququzeleli boVavanyo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abafundi iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*)

Isihloko: Umboneleli-nkonzo zekhuriya omtsha wezeemviwo – *CourierIT SA*

1. Le ngcaciso imfutshane yazisa zonke iinqununu ukuba iOfisi kaNondyebo kaZwelonke (*National Treasury*) seyingene kwikhontrakhi entsha enguzwelonke (*transversal contract*) ukunika iinkonzo zekhuriya onke amaphondo.

2. Umboneleli-nkonzo ngekhuriya omtsha ojongene neenkonzo zekhuriya eNtshona Koloni, ngokukodwa ukuthumela ngekhuriya izinto zokubhala uviwo, **ngu*CourierIT SA (Pty) Ltd***.

3. Ikhontrakhi ne***Skynet SA (Pty) Ltd*** iphele nge-**31 Januwari 2017**. Kucelwa iinqununu ngoko ke ziqinisekise ukuba akukho zinto zinxulumene neemviwo zithunyelwa e*WCED* nge*Skynet* emva kwe-**31 Januwari 2017**, njengoko izikolo ziya kunyanzeleka ukuba zihlawule iindleko zoko. I***CourierIT***, njengekhampani yekhuriya entsha, iya kusingatha uxanduva lokuzisa amaphepha emibuzo oviwo nokuza kuthatha iincwadi zeempendulo zoviwo ukususela nge-01 Februwari 2017.

4. Abaqhubi be*CourierIT* nabancedisi babo baya kuqapheleka ngokuthe gca ngeepemithi kwanamakhadi okuzazisa. Ipemithi nekhadi lokuzazisa maliboniswe inqununu xa kuziswa amaphepha emibuzo naxa kuzokuthathwa iincwadi zeempendulo zoviwo.

5. Ngayo nayiphi eminye imibuzo kucelwa ungathandabuzi ukuqhagamshelana nala magosa e*WCED* alandelayo:
    - Nks Shelva Willoughby kwifoni 021 467 2923
    - Mnu Clive Berry kwifoni 021 467 2265
    - Mnu Errol van Breda kwifoni 021 467 2987.

ISAYINWE: NGU- PAD BEETS
KUSEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2017-02-07